KHETHA ABAHLANU

Indlela yokuthandaza – Nokukhathalela- Abanye

Indlela elula nesebenzayo yokufikelela ebantwini abadinga intsikelelo kaThixo ebomini babo

Lena yindlela elula kakhulu yokukunceda ufikelele ebantwini ngolwazi ngoYesu Krestu. Kwezinye indawo ibizwa ngokuba ngumthamdazo wokuvangela. Lento ilula kakhulu, ikwayindlela esebenzayo anothi onke amaKristu angayisebenzisa ukuze azuze Izihlobo, usapho lwabo, nabantu abaphangela nabo kunye nabamelwane.

Inyathelo 1 - Khetha izihlobo okanye iintsapho ezintlanu uze uzimisele ukuzithandazela zona
Thandaza ucele la magama mahlanu kuThixo, awezihlobo, Usapho lwakho, abantu osebenza nabo okanye abamelwane obaziyo ukuba bayayidinga intsikelelo kaThixo ebomini babo abakwadinga futhi uYesu ebomini babo.

Bhala phantsi amagama abo:

1. _____

2. _____

3. _____

4. _____

5. _____

(Le nto mayingabi ngumthetho okunyanzelayo phofu. Ukuba uyaziva ukuba abantu abahlanu baninzi kakhulu, qalisa ngamagama amabini okanye amathathu. Kodwa ke ukuba ufuna ukuthandazela abantu abangaphezu kwesihlanu kusalungile. Sicebisa nje ukuba uqalise ngabantu abahlanu)

Inyathelo 2 - Thandaza ubacelele intsikelelo ezintlanu kuThixo aba ubakhethileyo. Yenza oku ngemizuzu emihlanu ukuya Kwelishumi ngemini,intsuku zibentlanu ngeveki.
Xa ubathandazelayo bacelele izinto zibentlanu:
1. **Umzimba** - Impilo, ukhuseleko, namandla
2. **Umsebenzi** - isithuba somsebenzi.ingeniso,nengqiniseko
3. **Imvakalelo** - uvuyo,uxolo,ithemba,uthando..

4. **Intlalo** - Uthando, imitshato, ukunxulumana kakuhle nabakowabo, nezihlobo nabamelwane. Nabantu asebenza nabo.
5**. Ngokomoya** - Usindiso, ukholo, inceba, imfesane nokukhula elukholweni
(Ungongeza ezinye izicelo ofuna ukuthandaza ngazo,kodwa qala uthandaze ngezi zintlanu,ngelilixa uthandaza ngaba bantu okanye lemizi mihlanu.
Xa uthandaza ukuthi abantu basindiswe,ungamcela uThixo ukuthi ngamandla kaMoya oyiNgcwele,avuse lemibuzo ezintliziyweni zabo:

- Ngubani endingamthembayo?
- Yintoni intsingiselo yobomi bam?
- Ndiyakukhululeka nini na?
- Ndiza kuphelela phi mhla ndifayo?
- Kutheni ndingamthandi uThixo / Kutheni ndibaleka nje kuThixo?
- Ndingazisombulula njani na iingxaki zam?
- Ndiza kukhuseleka phi?/ Ngubani onako ukundikhusela?

Inyathelo 3 - Khathalela abantu: Velana nabantu kwiingxaki zabo. Thwalisanani ubunzima.
Ungeza ngaphezu komthandazo na? Ewe! Xa sele uqalisile ukuthandazela izihlobo okanye iintsapho ezintlanu, yiba neliso elibukhali, ubuze kuThixo ukuba ungathini na ukubakhathalela nangezenzo. Ukuba omnye wabo uyagula, mphekele! Base esikolweni abantwana bakhe. Hlamba iimpahla zakhe. Ukuba imoto yomnye wabo yaphukile, mkhwelise okanye makaboleke imoto yakho. Xa behlelwe yingxaki yiya endlwini yabo, ubasondeze kuThixo ngomthandazo. Babuze ukuba bayakuvumela na ukuba ubathandazele. Cela uThixo abancede kwaye abasikelele.

Inyathelo 4 – Baxelele ngoYesu nobuhle bukaThixo.
Isigaba esilandelayo khetha amathuba afanelekileyo okuthetha ngokholo lwakho kubo Sukuyinyanzela. Yabelana nabo ngevesi yeBhayibhile, baxelele ngempedulo emthandazweni, basondeze kuThixo ngomthandazo. Ngelixa uthandaza ngabo ubakhathalele ubuhlobo phakathi kwenu buyakhula, amathuba amaninzi azakuvuleka ukwazi ukwabelana nabo ngokholo lwakho.

Inyathelo 5 – Zingisa ekubathandazeleni mhlawumbi unyaka wonke
Ekusebenziseni lamanyathelo mahlanu ebomini bakho bomthandazo, kumele kukhokelele kwinto ebizwa ngokuba **Yindlela yokuthandaza nokukhathalela abanye.** Yindlela elula, ebonakalayo, engaxhalabisiyo yokuvangela – nabantwana bangakwazi ukuyenza nabo.

Kungani na ukuba ndimelwe kukusikelela abamelwane bam?
Wathi uThixo kuAbraham ukuba womsikelela . Waqhubela uThixo ngelithi: “zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi” (Genesis 12:3). KwiNumeri 6:24-26 UThixo uyamfundisa uAron ukuba makasikelele njani na abantu: “Makakusikelele uYehova , akugcine; Makabukhanyise uYehova ubuso bakhe kuwe, akubabale; Makabuphakamisele uYehova ubuso bakhe kuwe, akunike uxolo.” KuYohane 1:16 siyafunda ukuba ngoYesu samkela ubabalo phezu kobabalo. KwiGenesis 1 siyafunda ukuba uThixo emva kokuba wadala izulu nomhlaba, wawusikelela. UThixo ufun’ukusikela abantu kwaye ufuna ukuba basikeleleke. Ingxelo zobabalo zibonakalisa ukuba abantu abangamashumi asithoba anesibhozo epesenti (98%) bavulelekile ukuba ungabathandazela ukuze uThixo abasikelele.

Ungayithandaza njani imithandazo yentsikelelo
Ungathandaza uyalele intsikelelo phezu kwabantu (Umzekelo: Ndiyakusikelela egameni likaYesu.) okanye: Ungamcela uThixo asikelele abantu (Umzekelo: Bawo ndiyacela egameni likaYesu ukuba usikelele uXX.) Basikelele Egameni likaYesu uthandaze ukuba Ubabalo nenceba kaThixo ibe phezu kwabo.

Umzekelo womthandazo wentsikelelo: “Makakusikelele uYehova; akugcine; Makabukhanyise uYehova ubuso bakhe kuwe, akubabale; Makabuphakamisele uYehova ubuso bakhe kuwe, akunike uxolo.” Mabalibeke ke igama lam phezu koonyana bakaSirayeli; mna ndiyakubasikelela.” (Inumeri 6:23-27). Bawo ndimisa igama lakho phezu ko XY; msikelele umkhusele namhlanje. Khanyisa Yehova ubuso bakho phezu kwakhe, umbabale. Bawo phendula imithandazo yakhe umnikeze uxolo.

Izifundo esinokuthandaza xa sithandazela intsikelelo
- Yena (uThixo, uYise) wasisikelela ngentsikelelo zonke zomoya kwezasemazulwini iindawo sikuKristu. (Efese 1:3)
- Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu, nothando lukaThixo, nodlelano loMoya oyiNgcwele, malube nani nonke. (2 kwabaseKorinte 13:14)
- Ubabalo lweNkosi uYesu Kristu malube nani. (1 kwabaseKorinte 16:23)
- Ke uThixo wam wokwenzelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko olukuKristu Yesu. (kwabaseFilipi 4:19)
- Wanga uThixo woxolo ngokwakhe anganingcwalisa niphelelisekile; uthi ugqibelele owenu umoya nomphemfulo nomzimba, ungcinwe kokungenakusoleka ekufikeni kweNkosi yethu uYesu Kristu. Uthembekile onibizayo, oya kukwenza nokukwenza oko. (KwabaseTesalonika 5:23-24)

Kutheni na le ndlela yokusasaza ivangeli iphumelela kangaka nje?

- Asingabo bonke abantu abaphiwe isiphiwo sokuvakalisa ivangeli, kodwa thina sonke siyakwazi ukuthandaza. Kuquka nabantu abangakwaziyo ukuthetha nabanye nokungqina ngokuphandle ngokholo lwabo bayakwazi ukuthandaza.
- Lena yindlela ezenzekelayo nekuvumela ukuba uthandazele abantu, wakhe ubuhlobo kunye nabo, uqalise ukwabelana nabo ngoYesu.
- Abantu abaninzi baye bazinikele ekumameleni lento ufuna ukwabelana nabo ngayo ngoYesu, ukuba bangabona ngendlela ebonakalayo ukuthi ubakhathalele kwaye uyabathanda. Izenzo zethu zingaphezulu kwamazwi ethu.

Isimio obakuso emthandazweni

- Thandaza ngokholo - UThixo uyawuphendula umthandazo (Hebhere 4:16)
- Thandaza ukhumbula ukuba zonke izinto zinokwenzeka kuThixo (Marko 10:27)
- Thandaza ngovelwano (Matewu 9:36)
- Thandaza, ngenyameko (Luka 18:1).
- Thandaza ngentliziyo enyulu (ImiZekeliso 28:9,13).

Thandaza kunye nabanye

Ungathandaza uwedwa, Kodwa kusoloko kungcono, futhi kuyakhuthaza xa ufumana abanye abantu abanokuthi nabo bathandazele abantu abahlanu nabo. Ungakhuthaza Usapho lwakho luthandaze nawe okanye abantu ohlangana nabo kwinkonzo zasemakhaya bangancedisana, okanye ungakwazi ukufumana abantu ababini ukuya kwabathathu abangamaKristu emsebenzini / esikolweni onokuthi uthandaze nabo.

Zifundo onokuzisebenzisa xa uthandaza

Nazi ezinye izifundo onokuzifunda ngexesha lakho lokuthandaza:
Yohane 3:16, Yoh. 6:63, Yoh. 6:44, Yoh. 5:21, Yoh.16:8-11, 2 Kor.4:3-4, 2 Kor.10:3-6, 2 Petros 3:9, Mat.18:14, 1 Tim.2:3-4

Uvumelekile ukuba ungenza iikopi zale ncwadana ngokwakho xa ufuna ukuzigqithisela kwabanye abantu. Akukho nto ikuthintelayo

Jericho Walls International Prayer Network
Private Bag X22, Lynwood Ridge, 0040, South Africa
Tel + 27-12- 365 3213, Fax +27-12-365 3214
Prayer Network: info@jwipn.com / www.jwipn.com
24/7 Prayer: info@global24-7.org / www.global24-7.org